# Pulapulani ! Makowetu.

*Ndiyigxotile i Kresmesi, no Nyaka Omdala kwano Nibidyala ngezibongo. Ndizaku zibonga mna ke ngoku ndandule ke kwakona ukuqala into entsha.*

*Camaguni !*

## Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.

Taru ! Nontsizi dumezweni ngentsholo
Nto ezibongo ziyintlaninge yezwe
Indlovu ke ayisindwa ngumboko wayo
Awu ! Taru ! Sikukukazi piko e Afrika.

Esikusela amatole aze engemki
Emke nezinye intaka eziwadlayo
Uyaziwa lilizwe nambakazi yezulu
Enqenwe nazi Mbongi zada zaxelelana.

Wugqwetele Mgqwetto lomhlaba ka
Palo
Beta izizwe ngesitunzi zidangale
Uliramncwa akuvelwa ngasemva
Nabakwaziyo babeta besotuka.

Taru ! Mdakakazi omabalaziziba
Ovumba linuka okwenyoka yomlambo
Camagu ! Nawe Ndlovu edla Pezulu
Uzibhalile noko Inkomo zakwa
Mgqwetto.

Taru ! Nontsizi bulembu e Afrika
Obuyepuzela emazantsi namaza
Wak'ubeka ngonyawo weva ubuhlungu
Wahiliza ngomlomo wawiselwa pantsi.

Taru ! Nontsizi bulembu e Afrika
Ozihluba izibongo ekuhleni
Zitsho nentaba zelizwe zikangelane
Xa wapuka imbambo macala omabini.

Taru ! Mdakakazi ngqele ese Lundini
Enje ngayo Imibete yase Herimone
Ndakhubeka ndibhaka emlungwini
Awu ! Ndeva sendibanjwa ngamadlwe
ndala.

Taru Mbongikazi Flamingo ka Vaaibom
Esunduza inyawo xa isukayo
Esunduza inyawo xa ihlalayo
Zipume izilo zonke zigcakamele.

Taru ! Dadakazi lendada ze Afrika
Ub'hib'hinxa lwentombi esinqe sibi
Awu ! Nontsizi bulembu e Afrika
Akusoze wende nezinto zigoso.

Taru ! Mbongikazi piko le Afrika
Sudukani bo arha-ndabonelelwa
Taru ! Somikazi lomti wekiwane
Ubonga noko side sipel' isoya.

Taru ! Nontsizi bulembu e Afrika
Izishumane mazambat' amabhayi
Kuba ayaziwa Iminyanya yakowenu
Akungetshati ungabhinqi zik'ak'a

Zipi Intombi zenu Izwi liyintoni
Sigqibe lomhlaba sifuna ukwenda
Salahla amak'azi salahla amakaya
Namhla sizizigudu kwa namabhungela.

Imfundo yintoni bapi onyana benu
Bagqibe lamazwe befun' inikisi
Yona nto ifunwa zintaka inkuku
Kusa ziqondele kuhlwe zingay' boni

Taru ! Nontsizi ntsasa enemizila
Egqibe izinga zonke iprofetesha
Awu ! Taru ! Sanusekazi se zibongo
Nalo neramncwa liwabhul' amapiko;

Taru ! "Chizama !" Odla inyama rwada
Ayaziwa neminyanya yakowenu
Mazibuye ke ! Indlovu zidle ekaya
Zingalala ezindle zilahlekile.

Taru ! Nontsizi ntombi ka Sandile
Mntana wenkosi kwinkosi zakwa
Ngqika
Kubonga amakosi not amabhungexe
Watshiswa zinduku kumataf' akwa
Ngqika.

Awu ! Taru ! Nontsizi bulembu e
Afrika

Ntokazi etsho ngentlombe ezimnandi
Zitsho zidume nendonga ze Afrika
Arha-hai abhitye onke amadodana.

Mhlana wafa Nontsizi losibekela
Hashe lenkumanda loba lilahlekile
Awu ! Taru ! Nangaye u Ntsikana
Owayegqibe zonke izinga eprofetesha.

Camagu ! Sinungunungu Esingcwele